



World Storytelling Day is on 20 March 2013! Join us in telling stories to the children in our lives on that day. Find stories on our website, [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org), or on our new mobi-site, [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).

## Tell a story today!

**People have told stories for centuries to explore ideas and make sense of their experiences. In fact, sharing stories is as natural to human beings as eating and sleeping!**

Making time to tell your children stories can be fun and satisfying for everyone. It also lets your children know that you value spending this time with them. But storytelling has other great benefits too. Here are some of them:

- Storytelling is a great way to teach children the life lessons you want them to learn. Great stories allow children to explore and think about love, hate, jealousy, kindness, power, good and evil.
- Storytelling stimulates children's imagination and their use of language.
- Stories can transport and connect them to the lives of people they've never known, who come from long ago and places faraway.
- Telling stories about your childhood experiences helps your children to connect with you.

So, how do you get going? Well, it's always easiest to start with stories that you know. Also, think about which stories will interest your listeners and what is appropriate for their ages. Build up a bank of stories to tell and then keep finding new ones by looking in books or on the Internet. Translate and adapt stories that may only be available in one language. Keep them in a special folder or a book.

Practise telling a story by telling it to yourself until you know it well. Then, as you tell it to others, remember that your voice and your body are your main tools! Use them to create pictures in the minds of your listeners by using:

- interesting and expressive words
- facial expressions, like scowling to show how angry a character is
- gestures, like stretching out your arms to show how wide something is
- expression in your voice that gives different characters different sounding voices, like a soft voice for a shy character.

But, most of all, remember that if you enjoying telling a story, there is a good chance that your audience will enjoy listening to it!



**USuku lokuBalisa amaBali lweHlabathi lungomhla wama-20 kweyoKwindla kowama-2013! Ngolo suku, zibandakanye kunye nathi ekubaliseleni amabali abantwana abasebomini bethu. Fumana amabali kwisikhundla sethu somnathazwe esidilesi ithi: [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye kwisikhundla sethu esitsha somnathazwe imobi esidilesi ithi: [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi).**

## Balisa ibali namhlanje!

**Ziinkulungwane zeminyaka abantu bebalisa amabali ngeenjongo zokuchubelana ngeengcinga bezama nokuqonda ngamava abo. Eneneni, ukwabelana ngamabali yinto yendalo nenxalenye yempilo ebantwini njengokutya nokulala!**

Ukuzinika ixesha lokubalisela abantwana bakho amabali kungaba lixesha lokuzonwabisa nelikholisayo kuye wonke ubani. Kananjalo oku kwenza ukuba bazi abantwana bakho ukuba ukuxabisile ukuchitha ixesha kunye nabo. Kodwa, ukubalisa amabali kunezinye iinzuzo ngakumbi. Nazi ezinye zazo:

- Ukubalisa amabali yindlela elunge kakhulu yokufundisa abantwana izifundo ngezobomi ocinga ukuba kubalulekile ukuba bazifunde. Amabali amnandi nawonwabisa avumela abantwana bahlalutye kwaye bacinge ngothando, intiyo, umona, ububele, ubungangamsha, okuhle kunye nokubi.
- Ukubalisa amabali kuvuselela kukhuthaze ukucinga namandla okuyila ezingqondweni zabantwana kunye nokusebenzisa kwabo ulwimi.
- Amabali angabathwala abahlanganise nobomi babanye abantu abangazanga bababona nabakudala okanye nabakwindawo ezikude.
- Ukubalisa amabali malunga namava akho obuntwana kunceda wena nabantwana ukuba nisondelelane ngokobudlelwane.

Ngoko ke, uqala njani ukwenza konke oku? Kaloku, eyona ndlela ilula kukuqala ngamabali owaziyo. Kwakhona, cinga ngamabali azakuba nomdla kubaphulaphuli bakho kunye namabali alungele ubudala babo. Zakhele uvimba wamabali owabalisayo uze ungayeki ukufumana amanye ngokufunda iincwadi okanye ukhangele kwi-Intanethi. Waguqule uwalungelelanise amabali afumaneka ngolwimi olunye kuphela. Wagcine kwifayile ekhethekileyo okanye encwadini ekhethekileyo.

Ziqhelise ukubalisa ibali ngokuthi ulibalisele wena buqu kuqala ude ulazi kakuhle. Emva koko, njengokuba ulibalisele abanye, khumbula ukuba ilizwi lakho nomzimba wakho zezona zixhobo zakho zokubalisa zingundoqo! Zisebenzise ukudala imifanekiso-ngqondweni kubaphulaphuli bakho ngokusebenzisa:


- amagama atsala umdla nachaza inkangeleko
- inkangeleko yobuso, efana nokugxeshisa ukubonakalisa ukuba umlinganiswa unomsindo kangakanani na
- izijekulo okanye ukusebenzisa izandla, njengokolula iingalo zakho ukubonakalisa ukuba into ibanzi kangakanani na
- imvakalo-zwi yakho ukunika abalinganiswa abohlukileyo amazwi ohlukileyo njengelizwi elithambileyo ukubonakalisa umlinganiswa oneentloni.

Kodwa, okubaluleke kuzo zonke, khumbula ukuba xa ukonwabela ukubalisa ibali, maninzi amathuba okuba abaphulaphuli bakho nabo baza kukonwabela ukuliphulaphula!



Drive your imagination

Read to me. Explore a story.  
Ndifundele.  
Masichubelane ngebali.





## Get story active!


After you and your children have read *The Terrible Graakwa*, try out some of these ideas.

### If you have 10 minutes...

- Talk to your children about what it means to be scared and about things that scare them. Ask them to suggest what they can do when they feel scared.
- Read the story together again, stopping to ask and talk about questions like these:
  - Why do you think the Terrible Graakwa stole the Bird of Peace? (page 3) What is the right thing to do?
  - Can you find the magic gift that each animal gave? (in the picture on pages 4 and 5)
  - Where do you think the Terrible Graakwa is running to in this picture? (page 15)
  - What lessons do you think Simphiwe might have learnt from this experience? (page 15)

### If you have 30 minutes...

- Read about the gifts that the animals gave Simphiwe on page 5. Ask your children to draw each of these gifts in Simphiwe's pouch below. They might want to write words for some of the gifts too.
- Suggest that they write which of the animals' gifts they would like to receive and why.



### Reading club tip #4

Familiarise yourself with the "Story corner" stories on the back page of each supplement and then tell them to the children at your club.

### Icebiso lesi-4 leklabhu yokufunda

Ziqhelanise namabali afumaneka kwicandelo lohlelo elibizwa ngokuthi "Indawo yamabali" elikwiphepha elingasemva lohlelo uze uwabalisele abantwana kwiklabhu yakho.

### If you have one hour...

- Ask your children to think about what a really scary monster would look like and to describe it. Then, on a large sheet of paper let each child draw a monster, name it and write enough details about this scary monster so that if someone comes across it, they will easily recognise it! (Help younger children with this by writing down what they tell you.)

## Yenza ibali linike umdla!

Emva kokuba wena nabantwana bakho nifunde ibali elisihloko sithi *iZim eloyikekayo*, zama ezinye zezi nginga.

### Ukuba unemizuzu eli-10...

- Thetha nabantwana bakho malunga nokuba kuthetha ukuthini ukoyika kwaye zinto zini eziboyikisayo. Bacele ukuba bacebisane ukuba bangenza ntoni xa beziva besoyika.
- Fundani ibali kwakhona nimane niphumla, nibuzana kwaye niphendule imibuzo efana nale ilandelayo:
  - Ucinga ukuba kwakutheni iZim eloyikekayo lize liyibe iNtaka yoXolo? (iphepha lesi-3) Ingaba ukwenza oko kwakuyinto elungileyo?
  - Ungasifumana isipho somlingo isilwanyana ngasinye esinikezele ngaso emfanekisweni? (iphepha lesi-4 nele-5)
  - Ucinga ukuba iZim eloyikekayo libalekela phi? (iphepha le-15)
  - Zeziphi izifundo ocinga ukuba uSimphiwe wazifunda kuko konke okwenzekayo? (iphepha le-15)

### Ukuba unemizuzu engama-30...

- Funda malunga nezizifo izilwanyana ezampha zona uSimphiwe kwiphepha lesi-5. Cela abantwana bazobe isipho ngasinye esisesipajini sikaSimphiwe apha ngezantsi. Bangafuna nokuwabhala amagama ezinye zezi zipho.
- Bacebise ukuba babhale ukuba sesiphi isipho sezilwanyana abangathanda ukusifumana nokuba kutheni bengathanda sona.

### Ukuba uneyure...

- Cela abantwana bacinge ukuba linokuba likhangeleka kanjani izim eloyikekayo lamanyhani ze balichaze. Kuxwebhu lwephepha umntwana ngamnye makazobe elo zim, alithiye igama aze abhale iinkcukacha ezoneleyo malunga neli zim loyikekayo ukuze ukuba kukho othe wadibana nalo, akwazi ukulinakana ngokulula! (Nceda abantwana abancinane benze lo msebenzi ngokubabhalela phantsi oko bakuxelela kona.)

### Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
  2. Fold it in half along the black dotted line.
  3. Fold it in half again.
  4. Cut along the red dotted lines.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kolu hlelo.
  2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
  3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
  4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





# Fun with poems!

Do you like reading poems? Some poems rhyme, but others don't. Here are some fun poems for you to read aloud. Can you also do actions as you say them?



## Look in the mirror

Look in the mirror  
What do you see?  
I see a monkey  
Looking at me!

Look in the mirror  
What do you see?  
I see an elephant  
Looking at me!

Look in the mirror  
What do you see?  
I see a zebra  
Looking at me!

Look in the mirror  
What do you see?  
I see a cat  
Looking at me!



Lo mbongo umalunga nokuzibuka esipilini ujika-jika ubuso bakho bukhangeleke njengobezilwanyana ezohlukileyo.

# Masonwabe ngemibongo!

Uyakuthanda ukufunda imibongo? Eminye imibongo inemvanosiphelo nezingqisho okwezicengcelezo eminye ayinazo. Nantsi imibongo yokuzonwabisa onokuyifunda ngokuvakalayo. Ungakwazi ukuyilinganisa ngokwenza okuthethwayo njengokuba uyifunda ngokuvakalayo?

## iSele

Nali isele,  
Emva kwendlu kabawo,  
Litya lichola-chola,  
Lithi ndakuligxotha,  
Lith'ukusuka kwalo,  
Lithi tsi, gxada tsi.  
Lithi tsi, gxada tsi.



This poem is about a frog and how it jumps to get away from danger.

## I dig, dig, dig

I dig, dig, dig,  
And I plant some seeds.  
I rake, rake, rake,  
And I pull some weeds.  
I wait and I watch  
And soon, you know  
My garden sprouts  
And starts to grow.


Lo mbongo umalunga nokutyala imbewu, ze uyigade umane ukuyihlola uyihlakulela de ikhule ibe zizityalo.



## iDonki

Oko ndafelwa ngumama notate  
lingxowa zasemaXhoseni  
Zithwaliswa mna,  
Ndedwa jwi, jwi, jwi,  
Ndedwa jwi, jwi, jwi.

This poem is about how hard a donkey works. Since being orphaned, it is made to carry all the heavy bags alone.



## Be a poet!

Write the words that you think would make this a fun poem to read!

My \_\_\_\_\_  
and \_\_\_\_\_  
It \_\_\_\_\_  
and \_\_\_\_\_  
One day \_\_\_\_\_  
and now \_\_\_\_\_

## Yiba yimbongi!

Bhala amagama ocinga ukuba aya kwenza konwabise ukufunda lo mbongo!

Bhala isihloko sombongo apha.

I \_\_\_\_\_ yam  
kunye \_\_\_\_\_  
Ihlala \_\_\_\_\_  
kwaye \_\_\_\_\_  
Ngenye imini \_\_\_\_\_  
Kanti ngoku \_\_\_\_\_

The English poems on this page are taken from *Poetry*, compiled by Daphne Paizee and published by Cambridge University Press.

## Win!

Send your completed poem to [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) or Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132, by 19 April 2013 and stand a chance of winning one of 10 copies of the book, *The Happy Prince*, in your home language! Remember to give us your full name, age, phone number, postal address and home language.



## Phumelela!

Thumela umbongo wakho ophelileyo kumhleli weNal'ibali kule dilesi ye-imeyili: [letters@nalibali.org](mailto:letters@nalibali.org) okanye kule dilesi yeposi: Nal'ibali, PO Box 1654, Saxonwold, 2132, kungadlulanga umhla we-19 kuTshazimpunzi kowama-2013 uze ube sethubeni lokuphumelela incwadi esihloko sithi *The Happy Prince*, ebhalwe ngolwimi lwakho lwasekhaya! Khumbula ukubhala igama lakho elipheleleyo, ubudala, inombolo yomnxeba, ulwimi lwakho lwasekhaya kunye nedilesi yakho yeposi.

## Story corner

Here is the last part of the story about the lion and the monkey for you to read aloud or tell.

### The lion and the monkey (Part 2) by Ikeogu Oke

In the end the monkey took pity on the lion and lowered his tail into the pit like a rope. The lion held onto the monkey's tail and climbed up it. But even when he was out of the pit, the lion hung onto the monkey's tail.

"Let me go! Haven't I helped you out of the deep pit as you begged me to?" the monkey asked the lion.

But the lion tightened his grip on the monkey's tail even more, and when the monkey looked into the lion's eyes, he saw the look of hunger. "Please let me go!" the monkey cried. But the lion's grip only got tighter.

Suddenly, an old woman appeared. She was on her way to her farm when she saw the animals arguing. She stopped and asked them why they were quarrelling. The monkey told her how he had helped the lion out of the deep pit. "But now he is holding onto my tail and he won't let me go," he complained.

"Is this true?" the old woman asked the lion. The lion nodded in agreement. Then the old woman said to the monkey, "Clasp your hands and say, 'I am about to die for my kindness. I am about to die for my kindness.'" So the monkey did this.

The old woman then turned to the lion and said, "Clasp your paws and say, 'Someone is about to die for his kindness. Someone is about to die for his kindness.'" The lion raised his free front paw and repeated the old woman's words.

"No!" said the old woman, "I said clasp your paws, and I mean your two front paws, and then say the words." As the lion obeyed her command and clasped his paws, the monkey escaped and ran away. The lion chased the monkey until the monkey climbed up a nearby tree. Crestfallen, the lion looked back at the spot where they had seen the old woman, but she was no longer there.

Grandpa paused and looked at our faces that had suddenly lit up at the happy ending for the monkey.




Illustration by Jiggs Snaddon-Wood  
Imifanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

## Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga nengonyama nenkawu onokulifunda ngokuvakalayo okanye ulibalise.

### Ingonyama kunye nenkawu (Inxalenye 2) ngu-Ikeogu Oke

Ekugqibeleni inkawu yayisizela ingonyama yaza yafaka umsila wayo emngxunyeni ukuze usetyenziswe njengentambo. Ingonyama yabambelela kumsila wenkawu yagwencela, yenyuka yaphuma. Kodwa yathi naxa sele iphumile emngxunyeni yaqhubeka iwubambe nkqi umsila wenkawu.

"Ndiyeka! Andikuncedanga na ndakukhupha emngxunyeni onzulu njengoko ubundicelile?" inkawu yabuza ingonyama.

Kodwa ingonyama yawuqinisa ngakumbi umsila wenkawu. Yathi inkawu xa ijonga ingonyama emehlweni, yabona indlela ingonyama eyayilambe ngayo. "Nceda undiyeka ndihambe!" yakhala inkawu. Kodwa ingonyama yaye iwuqinisa ngakumbi umsila wenkawu.

Ngephanyazo kwathi gqi ixhegokazi. Lalisendleleni eya kwifama yalo ukubona kwalo ezi zilwanyana zibini zixambulisana. Lema labuza ukuba zilwela ntoni na. Inkawu yalichazela indlela ethe yanceda ngayo ingonyama yayikhupha emngxunyeni onzulu. "Kodwa ngoku ibambe nkqi umsila wam ayifuni kundiyeka ndihambe," yakhala.

"Ingaba oku yinyaniso?" ixhegokazi labuza ingonyama. Ingonyama yanqwala ivuma. Ixhegokazi lathi kwinkawu, "Dibanisa iintupha zakho uthi, 'Ngoku ndiza kufa ndifela inceba yam. Ngoku ndiza kufa ndifela inceba yam.'" Ngokwenene ke, inkawu yenza njalo.

Ixhegokazi laguquka labhekisa kwingonyama lathi, "Dibanisa iintupha zakho uthi, 'Kukho oza kufa efela inceba yakhe. Kukho oza kufa efela inceba yakhe.'" Ingonyama yanyusa inqina layo elingabambanga nto yaphinda oko yayikuxelelwa lixhegokazi.

"Hayi!" latsho ixhegokazi, "Ndithe dibanisa iintupha zakho, kwaye ndithetha iintupha zakho zamanqina omabini angaphambili, uze uthethe la mazwi." Lo gama ingonyama ithobela umyalelo wexhegokazi idibanisa iintupha zayo, inkawu yaphuncuka yabaleka yemka. Ingonyama yayileqa inkawu yade yakhwela emthini

owawukufutshane. Idakumbile, ingonyama yabheka ijonga kwindawo ababelibone kuyo ixhegokazi, kodwa ixhegokazi lalingasekho apho.

UTatomkhulu wanqumama wasijonga ebusweni, wasifumana sibonakala sichwayitile kuba inkawu isindile kwingonyama ekhohlakeleyo.

### In your next Nal'ibali supplement:

- How to get books for your reading club
- Your letters to Nal'ibali
- Mini-book, *Oh no!*
- The first part of a read-aloud story, *Mini Meerkat makes a friend*

Get your next Nal'ibali supplement in the week of 15 April 2013. In the meantime, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) for more reading and story tips, stories and inspirational ideas.

Visit our new mobisite, [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)  
Ndwendwela isikhundla sethu esitsha somnathazwe imobi kule dilesi [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



### Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- Ungayifumanela njani iklabhu yokufunda yakho iincwadi.
- Iileta zakho eziya kuNal'ibali
- Incwadana encinane, *Hayi torho!*
- Inxalenye yokuqala yebali elifundwa ngokuvakalayo elisihloko sithi *UMini Gala wakha ubuhlobo*

Fumana uhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali kwiveki yomhla we-15 kuTshazimpunzi kowama-2013. Okwangoku, ndwendwela esi sikhundla somnathazwe [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi) ufumane iingcebiso zokufunda nezamabali ezingaphezulu, amabali kwakunye neengcinga ezivuselelayo.





*The Terrible Graakwa* is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. The readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website [www.cup.co.za](http://www.cup.co.za).

Cambridge University Press  
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002  
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418  
Email [info@cup.co.za](mailto:info@cup.co.za)



**CAMBRIDGE**  
UNIVERSITY PRESS  
[www.cup.co.za](http://www.cup.co.za)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



It starts with a story...


INal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



Drive your  
imagination

Fold

# *The Terrible Graakwa* **IZim eloyikekayo**





Janine Corneilse  
Marcelle Edwards  
Jamela January  
Shirley de Kock  
Terry Milne



Simphiwe was a magical child. He could hear ants walking under the ground. He could hear the flutter of butterflies' wings. He could even hear the grass growing.

All the animals in the land loved him. Everyone was happy because the Bird of Peace had made her nest in their land.

U Simphiwe yayingumntwana wobugqi. Wayekwazi ukuva iimbovane zihamba phantsi komhlaba. Wayekwazi ukuva ukundanda kwamaphiko amabhabhathane. Wayesiva nditsho nengca le xa ikhula. Zonke izilwanyana emhlabeni zazimthanda. Wonke umntu onwabile kuba iNtaka yoXolo yayakhe indlwana yayo kumhlaba wabo.



Early one morning Simphiwe heard the animals crying.

“What’s the matter?” asked Simphiwe.

“The Bird of Peace is gone!” cried Giraffe.

“The Terrible Graakwa stole her.”

All the animals were afraid of the Terrible Graakwa. He was a monster who lived far away.

Kwakusasa ngenye imini, uSimphiwe weva izilwanyana zikhala.

“Yintoni ingxaki?” wabuza uSimphiwe.

“INtaka yoXolo imkile!” wakhala uNdlulamthi.

“IZim eloyikekayo liyibile.”

Zonke izilwanyana zaziloyika iZim eloyikekayo. Yayisisilo esasihlala kude kakhulu.

“I will find the Bird of Peace,” said brave Simphiwe. Each animal gave him a magic gift to help him.

“Ndiza kuyikhangela iNtaka yoXolo,” watsho uSimphiwe oligorha. Isilwanyana ngasinye samnika isipho somlingo esiya kumnceda.



“Take one of my stripes,” said Zebra.

“Take five of my spots,” said Leopard.

“Take our special sounds,” said all the other animals. The Lion roared. Snake hissed. Jackal barked. Elephant trumpeted. Fish Eagle cried. Owl hooted. Mouse squeaked. Simphiwe put all their sounds in his pouch. Then he sat down and listened.


“Crooooo!” He heard the cries of the Bird of Peace far away in the mountains.


“Thatha omnye wemigca yam,” watsho uQwarha.

“Thatha abe mahlanu kumachokoza am,” watsho uHlosi.

“Thatha izandi zethu ezizodwa,” zatsho zonke ezinye izilwanyana. UNgonyama wagquma. UNyoka wafutha. UDYakalashé wakhonkotha. UNdlovu wakhala okwexilongo. UKhozi wakhala. USikhova wenza umkhulungwane. Umpuku watswina. USimphiwe wazifaka esipajini sakhe zonke ezi zandi. Emva koko wahlala phantsi waphulaphula.

“Kru-u-u-u!” Weva izikhalo zeNtaka yoXolo kude lee ezintabeni.





Simphiwe walked for seven days and seven nights. At last he came to the mountain where the Terrible Graakwa lived.

Simphiwe waited until it was dark. The Terrible Graakwa was fast asleep. Simphiwe climbed up to the Terrible Graakwa's cave.

USimphiwe wahamba iimini ezisixhenxe nobusuku bazo. Ekugqibeleni wafika kule ntaba yayihlala iZim eloyikekayo.



USimphiwe walinda kwade kwarhatyela. IZim eloyikekayo lalikobunzulu ubuthongo. USimphiwe wenyuka waya emqolombeni weZim eloyikekayo.



There was a cage inside the cave. The Bird of Peace was in the cage.

Phakathi emqolombeni kwakukho indlu yokuvalela intaka. INTaka yoXolo yayivalelwe kule ndlu yentaka.

Simphiwe took the bird from the cage quietly.  
The bird was very happy to be free.  
“Croooo roooo!” she sang.  
The Terrible Graakwa woke up.  
“Where’s my bird? Who has taken her?”  
he shouted.



USimphiwe wayikhupha intaka kule ndlu  
yayo ngokuthe cwaka. Intaka yavuya kakhulu  
yakukhululeka.

“Kru-u-u kru-u-u!” yacula.

IZim eloyikekayo lavuka.

“Iphi intaka yam? Ngubani oyithathileyo?”  
lakhwaza.



Simphiwe raced down the mountain. He held the bird tightly. The Terrible Graakwa roared and chased him.

Simphiwe reached the side of a cliff. He took Zebra's stripe and rolled it over the side. It grew longer and longer until it reached the bottom. Simphiwe jumped onto the stripe and he slid down.

When the Terrible Graakwa tried to slide down, the stripe broke!

"Ow! Yow! Ouch!" he shouted. He fell to the bottom of the mountain. Simphiwe ran until he came to a deep, wide river.

USimphiwe wehla intaba ebaleka. Intaka wayeyibambile eyiqinisile. IZim eloyikekayo lagquma lamleqa.

USimphiwe wafika eliweni. Wathatha imigca yeQwarha wayijula kwelinye icala. Yakhula yaya iba mide ngokuba mide, yada yaya kufika ezantsi. USimphiwe wakhwela kulo mgca, watyibilika ukuya ezantsi.

Lathi xa iZim eloyikekayo lizama ukuhla, yaqhawuka imigca!


"Shu! Shu! Shuu!" lakhwaza. Laya kuwa ezantsi, ekupheleni kwentaba. USimphiwe wabaleka wada wafika emlanjeni onzulu, obanzi.

The Terrible Graakwa was close behind him. Simphiwe took Leopard's spots from his pouch. He threw them onto the river. They grew bigger and bigger. And then they floated on the water.



IZim eloyikekayo lalisele liza kumfumana. USimphiwe wakhupha amachokoza eHlosi esipajini sakhe. Wawajula phakathi emlanjeni. Aya ekhula ngokukhula. Aza adada apha phezu kwamanzi.


Simphiwe held the Bird of Peace and jumped from spot to spot across the river. But when the Terrible Graakwa tried to follow them, he sank! Now he was wet and sore and very angry!



Simphiwe ran as fast as he could. The Terrible Graakwa came closer and closer. He tried to grab Simphiwe. Simphiwe quickly opened his pouch. Out came all the animals' sounds.

USimphiwe wayibamba iNtaka yoXolo waza watsibela kwichokoza ngechokoza, wawuwela umlambo. Kodwa lathi iZim eloyikekayo xa lizama ukuwalandela amachokoza, latshona! Ngoku lalimanzi, lisifa ziintlungu yaye linomsindo kakhulu!


USimphiwe wabaleka kangangoko wayenako. IZim eloyikekayo lasondela ngokusondela. Lazama ukumbamba uSimphiwe. USimphiwe wakhawuleza wavula isipaji sakhe. Kwaphuma zonke izandi zezilwanyana.



The big noise hurt the Terrible Graakwa's ears. It pushed him backwards and forwards.

It turned him round and round. It threw him head over heels. He was scared and he crawled away as fast as he could.

Le ngxolo ininzi kangaka yazenzakalisa iindlebe zeZim eloyikekayo. Yalityhalela emva naphambili. Yalijika-jika, ilijikelezisa. Yalenzisa uqulukubhode. Loyika, laza lagaqa labaleka kangangoko linako.



Brave Simphiwe and the animals laughed when they saw the Terrible Graakwa run away. The Bird of Peace flew back to her nest. And the Terrible Graakwa never came to their land again.

USimphiwe oligorha nezilwanyana bahleka xa bebona iZim eloyikekayo libaleka lisimka. INTaka yoXolo yabhabha yaya endlwaneni yayo. Lona iZim eloyikekayo zange liphinde libuyele emhlabeni wabo.